Imbongi ye Sizwe Jikelele: *Umteteli wa Bantu* (2 January 1932), page 5

**U 1931 no 1932**

"Nisikelelwe maAfrika Bantu Bam.

Wadlul' omdala wangen' omtsha!
Wafik' omtsha wegqit' omdala.—
Uz' ufumbet' amashwa namashwangusha;
Uz' ufumbet' intsikelelo namatamsanqa;
Uz' ufumbet' impilo nezikuhlane;
Uz' ufumbet' ubumnandi nosizi;
Uz' ufumbet' ubutyebi nobuhlwempu;
Uz' ufumbet' ukuwa nokupakama;
Uz'ufumbet' int' ezininzi,—
"Nisikelelwe maAfrika bantu bam!"

Umnyak' omdal' ubukwanjalo nawe;
Noyise noyisemkulu wayenjalo naye;
Ngokwesiko lakokwabo beminyaka,
Ukususel' emapakaden' amzuzu,—
Kude kuye kwezay[1]' amapakade!
Wangen' omdala sinamatemb' amakulu;
Savuya sagcoba senza nemihlali;
Sax'ela nempahla sapalaz' igazi,—
Sihlamba ilizwe ngenxa yomnyak' omtsha,—
"Nisikelelwe maAfrika bantu bam!"

Sangena kambe kulonyaka we 1932
Sangen'ingxokolo yomnyaka' oyingxaki;
Sangen' uninzi lwabantu luzibija;
Sangen' izizwe zinkwantya zisoyika;
Sangen' izikumkani zimi lumere;
Sangen' indlal' izambatisil' izizwe;
Sangena ngemfazwe namare emfazwe.

---

[1] Inzuzo has kwazayw

“Nisikelelwe maAfrika bantu bam!”

Akukho ngozi yakhe[2] yeza nomnyaka,
Umnyaka sicak’ esitunywe Pezulu,
Ukuza kugcinel’ abantu ixesha;
Ingozi ikuwe, ikuw’esiqwini,—
Ngokohlobo lwako, ozipata ngalo,
Umnyak’ ukupata ngokohlobo lwako.
Ngokohlobo lwako lwesimilo sako.
Ngoko yizamen’ indili nesimilo,—
Ngazo nenz’ umnyak’ amaziny’ abutuntu.
“Nisikelelwe maAfrika bantu bam!”

Wungeneni nidumisa umnyak’ omtsha!
Wungeneni nitandaza umnyak’ omtsha!
Ngobugora, ngoburoti, ngamatemba,—
Wungeneni ngenkolo nangokalipo,
Ongen’ emsingen’ ujonga ngapesheya;
Ongen’ edabini ujong’ ukoyisa,—
Aqize alahle zonk imbambezela,
Kwa nezirintyel’ ezompitizelisa.
Lahlani ngoko zonk’ izivukampunzi
“Nisikelelwe maAfrika bantu bam!”

Lahlan’ imijojo nent’ ezinamavumba,—
Inkos’ eminyak’ icasene nezonto.
Imilingo kuyo lisikiz’ elibi; Inkolo nenkoielo zizihlambezo.
Lahlan’ amatola kwa nabavumisi.
Lahlan’ osiyazi nabakafulayo,
Lahlan’ izib’unqa zomti wokukwitsa,—
Balahleni bonk’ otixo basemzini;
Nikumbul’ ekaya ngemvo nangomx’elo,—
“Nisikelelwe maAfrika bantu bam!”
Ngenan’ umnyak’ omtsha!
Ngenan’ umnyak’ omtsha!

---

[2] nzuzo has yakha

Ngenani ngombongo nezango zomoya;
Ngenani ngo Tixo nangelizwi Lake;
Ngenani ngetemba nizel' umbulelo;
Ngenani kamnandi sinomnyaka' omnandi.
Wandulelwe kade ligazi le Mvana,—
Wandulelwe kade li Tshaw' estaleni,—
Ufik' uluntu lonke seluno Tixo,—
Seluno Mhlekazi onguManyuweli.
"Nisikelelwe maAfrika bantu bam!"

Kamnandi zinkosi zesizwe, zohianga!
Kamnandi zinkokeli nonke ngabanye!
Kamnandi zintsapo, nonke bantwanana!
Kamnandi mlisela! Kamnandi Mtinjana!
Kamnandi manene namanenekazi
Kamnandi madoda bafaz' abakulu!
Kamnandi mawetu! Kukude pambili!
Kamnandi ngendyebo nangentsikelelo,—
Nipile kamnandi ngawo lonyaka mtsha!
"Nisikelelwe maAfrika bantu bam!